**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 3 iiyure**

**AMANQAKU: 100**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu - A, B, C.
- Kwicandelo A umbuzo 1 UNYANZELEKILE ukuba uphendulwe nguwonke-wonke.
- Kwakulo icandelo A umbuzo 2, uya kuphendula imibuzo ibe MIBINI kuphela.
- Kwicandelo B mibini imibuzo, umvavanywa makakhethe ube MNYE. Xa ngaba uza kukhetha umbuzo omde kwicandelo B, unyanzelekile ukukhetha umbuzo oneempendulo ezimfutshane kwicandelo C.
- Kwicandelo C mibini imibuzo, uya kuphendula ube MNYE kwakhona, omde okanye omfutshane.
- Umthamo wempendulo wokhokelelwa ngamanqaku owanikiweyo.

---

## ICANDELO A
## IMIBONGO

### UMBUZO 1

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**INJA YAKOWETHU**

Hayi! Inja yakowethu!
Hayi! Le nja uNgqoqo!
Andiyithandi ngako,
Nayo indithanda cwaka.

Xa ndiya kuzingela,
Sihambisana kunye;
Neentaka izalama
Zimgama, izileqe.

Inkwenkw' ebeth' inja yam
Ingab' ibetha mna lo,
Umhlobo andinaye
Ofana nay' uNgqoqo.

1.1 Uphinda-phindo esilufumana kwimigca 1 nowe 2 lusetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni? Nika izizathu zibe ZIBINI. (2)

1.2 Chonga isifanekisozwi osibonayo apha. (1)

**Tyhila**

1.3 Sesiphi esi safobe sisetyenziswe kumgca-3? (1)

1.4 Chaza intsingiselo yembongi kumgca-4. (2)

1.5 Yintoni le izingelwa yile nja nomniniyo? (1)

1.6 Ngokwalo mhobe kukuthini ukwalama intaka? (2)

1.7 Chonga isifaniso sibe SINYE. (1)
**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa* 3 - Kwetana W.M (Umqokeleli)**

Kule mibongo ilandelayo khetha uphendule ibe MIBINI kuphela.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo eya kulandela:

A! Zilimbola!
Ndikhuza wena, nyana kaNtaba,
Mphakuli wetsili linolwamvila,
<u>Msombululi weentsokotha nezintsompothi</u>,
Mvumisi phakathi kwamagqirha,
Mbongi phakathi kweembongi,
Rhanga-rhanga phakathi kwamarhwanqa,
Ntyulubi phakathi kwamaqhitala,
'Ntaba kaNdoda nay' iyangqina.
Nditsh' eyeBhukazana nekaMnqwazi,
Kuye kuye kwezasebaThenjini,
Zithi zonke, Zilimbol' uyingqanga.
Nam ndith' uyindanga-ndanga.
A! Zilimbola.
Ncincilili!

2.1.1 Khetha izikweko zibe ZIBINI ozibonayo kulo mbongo. (2)
2.1.2 Wazi ntoni kanene ngentaba kaNdoda? (1)
2.1.3 'Rhanga-rhanga' Xela udidi lwesi safobe esisetyenziswe apha. (1)
2.1.4 Ngokwalo mbongo ngoobani amarhwanqa? (1)
2.1.5 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (3)
2.1.6 Chonga umqolo esifumana kuwo uchasaniso. (1)
2.1.7 Zeziphi iimpawu ezikubonisa ukuba esi sisibongo somthonyama? (2)
2.1.8 Nika umsebenzi ube MNYE woshiyo lweceba. (1)
2.1.9 Ngubani igama lenkosi ebongwayo apha? (1)
2.1.10 Khetha imigca eMIBINI ekusetyenziswe kuyo isigxininisi / ugxininiso. (2)
**[15]**

**OKANYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela:

> Masifund' ukuqin' ubomi yinkinge.
> Qinani nonke, khanyisani zibane.
> Su' ncama kuphele wosindiswa kamva.
> Lenj' enjal' ibhada likrobel' ingcwaba;
> Ngawo loo mzuzu laphetshisw' apho.
>
> Ubomi ngumnqants' onyukayo.
> Zamani bethu, qinani nomelele.
> Uthini na wen' ukulahl' ithemba?
> Siyini isixhobo sakho edabini?
> Wobaleka ngoko lukude notshaba.
>
> Ngethemb' uzuz' uloyiso.
> Ngethemb' uxhobel' utyhafo.
> Lithemb' elivez' imizamo.
> Ithemba lisus' ubugwala.
> Ithemba ngumphumezi.

2.2.1 Sithini isihloko salo mhobe? (1)
2.2.2 Chaza intsingiselo yembongi kumqolo - 1. (2)
2.2.3 Yiyiphi imiqolo emibini esifumana kuyo imibuzo-buciko. (2)
2.2.4 Chaza imisebenzi ibe MINE yethemba nekhankanyiweyo apha. 1x4=(4)
2.2.5 Kumhlathi wokugqibela imbongi isebenzise zixhobo zini ukwakha isingqisho? Xela zibe ZIBINI. 1x2=(2)
2.2.6 Sithini ukulubiza olu phinda-phindo lufumaneka kwimigca 1 nowe -2? (1)
2.2.7 Chonga amagama azizifanokuthi asetyenziswe kumhlathi wesibini, uze uxele nenjongo yembongi ukusebenzisa la magama. (3)
**[15]**

**OKANYE**

2.3 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela:

> Sisidlo sazw' iindlebe.
> Luyolo lomphefumlo.
> Yimbangi yobushushu.
> Luchwayitiso ntliziyo.
> Yomelez' abatyhwatyhwi,
> Yakutsho ngondiliseko.
> Kusike kuzw' iintumbu.
>
> Ingoma iyaxakisa;
> Kuzalwa iyathetha,
> Kufiwa iyalunga,
> Kuvuyw' ayiphetshwa,
> Kulilw' iyathandwa.
> Ngumbaseli-ntliziyo,
> Unik' ithemba kwabaze.

Ingom' ikwalichiza,
Angatsho noCirha
Ngemihla yembarha.
Imidudw' eyidyarha.
Kaloku wayesarha -
Elilo ke <u>negorha</u>.

2.3.1 Nika izizathu zibe ZINE ezikhankanyiweyo apha, nezikhokelela ekubeni kuvunyw' ingoma ngabantu. 1x4=(4)
2.3.2 Chaza intsingiselo yembongi kumqolo - 14. (2)
2.3.3 Ucinga ukuba kutheni imbongi ifanisa ingoma nechiza? (2)
2.3.4 Xela izinto zibe MBINI nezazixatyiswe nguCirha. (2)
2.3.5 Sebenzisa elinye igama endaweni yeli linomgca ngaphantsi. (1)
2.3.6 Chonga izikweko zibe ZIBINI ozibonayo apha kulo mhobe. (2)
2.3.7 Ngoobani aba batyhwatyhwi kuthethwa ngabo? (1)
2.3.8 Sithini isihloko salo mhobe? (1)
**[15]**

**OKANYE**

2.4 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

**ISIYOBISI**

Ngumkhwa ombi obhexeshwa lubaxo;
Umkhuba weenkan' othethis' imbanxo.
Uqalwa kancinci kanti ngumlibe.
Uyoba ntlandlolo sikutsho ujube.
Iyolisa-mxhelo kub' iqalwa ngendlalo.
Ubong' abazal' abakuzisa kule ndalo.

Kumnandi kunjalo kuba siyakhuthaza.
Siyole luncuthu nangona sikhuthuza.
Asizi simahla sigrumb' engxoweni.
Siwutheze nomzi kunga kusenxiweni.
'Singaye akaboni bubi kuba seletyile.
Benjenjalw' emyezweni kanti bazityhilile.
Sisiyobisi eso ikhwekhwe ndikrwempe.

2.4.1 Hlalutya lo mhobe ungasentla, udandalazise zonke izafobe, izangotshe nezixhobo ezisetyenziswe yimbongi ukuphuhlisa umxholo. **[15]**
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

Khetha uphendule umbuzo ube MNYE kweli candelo.
**QAPHELA:** Okokuba ngaba uza kukhetha umbuzo **omde** kweli candelo, uya kunyanzeleka ukhethe **omfutshane** kwicandelo C.

## UMBUZO 3
## UMDLALO WEQONGA

***Inzonzobila*** **- B.B. Mkonto**

3.1 *Nomafa:* "Mandimxelele na bethu ngale nyewe? Mandiyiqhaqhe na iintliziyo yam?"

Ngqiyama ngolu luvo lungentl' apha, uchaze unobangela weminzunzu / intlungu kaNomafa. Ngokweembono zakho, uthi ngaba kumlungele ukuyiqhaqha intliziyo yakhe? Xhasa uluvo lwakho ngokuvokothekayo. **[30]**

**OKANYE**

3.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo eya kuzilandela:

*Zinzo:* Awu! Kwedini! Khawuv' uPhoph' akowethu, intw'eyancanywa naziinyoka zomlambo ezimanqina mabini. Sisinyithi sokwenene esi Ngcwina; amadangatye aloo mlilo owawutshabalalisa ivenkile yam akazange enze nto apha, yasuka le nto yaxela ooMishaki nooShadreki bakudala, yema kuloo madangatye, yazola ngaloo ndilikazi uyibonayo nawe, yawalenca onke loo malangatye. UMasibhanka owayecima apho wakhamisa ng'a. Yaba kuphela kwento andishiya nayo amawethu. Kanti ke uyasibona esi siva sikule bhampala isekunene? Linxeba lembumbulu elo endalifumana kwizikrelemnqa zeli Kapa <u>iinto ongafika zingochwenene abachula ukunyathela emini, kanti ke ubusuku ziziingcuka eziqwengayo.</u>

3.2.1 Uthetha nabani uZinzo apha? (1)
3.2.2 Ngubani lo Phopho athetha ngaye? (1)
3.2.3 Chaza intsingiselo yesivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)
3.2.4 Kutheni lo Phopho emfanisa nooMisheki nooShadraki nje? (5)
3.2.5 Sizathu sini esabangela uMasibhanka akhamise ng'a? (2)
3.2.6 Ngoobani aba athi uZinzo baziinyoka ezimanqina mabini? (2)
3.2.7 Ivenkile le kaZinzo yayitshiselwa ntoni kanye? (2)
3.2.8 Ngokubhekiselele kwesi sicatshulwa, waziphilisa njani umfo kaTsontso emva kokutsha kwale venkile yakhe? (2)
3.2.9 UZinzo lo unasiphi isikhundla apha ekuhlaleni? (1)
3.2.10 Uthetha ukuthini uZinzo xa esithi lo Phopho sisinyithi sokwenene? (2)

Le nzwinini ka 'SekaBhongo ayinyamezeleki. Ngakumbi kumphembi wayo ondim. *(Kuthi wax-a iinyembezi)*
Lisekho na bethu ithuba lokubhokoxa?
Akandishiyanga na amaxesha okuzaneka? Ewe! *(Esula ngefaskoti)*
Ndimthanda gqitha uQadi.
Andingembulali afe ehleli ngezandla zam. Lilungu lomxhelo wam.
Obona bulungileyo ubugqwirha bobokulondoloza umphefumlo.
Mandingcwabe ngaphaya kwamathambo esifuba.
Mathambo am tywinani de ndokutshona. *(Uyaphuma)*

3.2.11 Ngubani lo uthetha la mazwi? (1)
3.2.12 Xela igama lalo yise kaBhongo kuthethwa ngaye apha. (1)
3.2.13 Ngokwesi sicatshulwa kukwenza ntoni ukubhokoxa? (2)
3.2.14 Yithi gqaba-gqaba ngale nto azimisele ukuyingcwaba ngaphaya kwamathambo. (3)
3.2.15 Ngaba yaphumelela iminqweno yentliziyo yakhe? Xhasa impendulo yakho. (3)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

## ICANDELO C

***Etshatile Engatshatanga* - S.C. Satyo**

Nakulo eli candelo umvavanywa uya kunyanzeleka ukuba akhethe umbuzo ube MNYE.

**QAPHELA:** Okokuba ngaba ukhethe umbuzo **omfutshane** kwicandelo B, UNYANZELEKILE ukuba ukhethe **omde** kweli candelo.

## UMBUZO 4
## INOVELI

4.1 Funda esi sicatshulwa esingezantsi uze uphendule umbuzo oya kusilandela.

Njengokuba usityisa imali yam ngefoni nje yinto yokuba usazi ukuba ayizi kuhlawulwa nguwe iza kuhlawulwa nguSimeli!"
"Nyakunyakundini, akunazintloni ukundixelela ukuba ukuze ufumane imali wena usebenzisa amacebo alusizi amacebo evuzi … uzivuza okwenyamakazi, uzivuza okwevuzi …"

4.1.1 Ngqiyama ngale ngxoxo itshisayo, udandalazisa ungquzulwano olufumaneka kule ncwadi. Gxila kakhulu kunobangela kunye neziphumo zalo. **[30]**

**OKANYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo eya kulandela:

> "Hayi, mntanasekhaya, apha efazilendi kuyacetyiswana kuyavuswana, ungandivi kakubi."...
> "Khawuqhube ndive." Itshilo intombi yasemzini.
> "Ungevi ndithetha ngezinja. Andimthuki uSimeli. Andimnyelisi.
> Ndithetha ngamadoda nje onke. Ndingathi ndikuxelela ngebhungane elangena entloko kaNdodiphela, mntakamama, akungeze ukholelwe.
> Laa Ndodiphela... Uyintoni ngoku loo Ndodiphela?
>
> * * * * * * * *
>
> "Hm-mm, nantoni ke enye, sisi?" Wenze loo mvumo weempumlo uphoxayo, wamqhuba kuba ebeseleqonda ukuba akazimisele kuluyeka olu lwimi.
> "Amadoda ngabantu abathi swii. Ndithi ke mandikuvuse kuba intombi yomfo intle, yakhiwe. Hayi kwelo cala, mfondini andifuni **kumdlela ndlala**; akafani naba nopexe booNdodiphela." "Hm-mm." Ibuye yavuma ngeempumlo zayo intokazi yasemzini.

| | | |
|---|---|---|
| 4.2.1 | Ngubani lo uthetha la mazwi? | (1) |
| 4.2.2 | Uthetha nabani kanye? | (1) |
| 4.2.3 | Iqhubeka phi le ncoko yaba babini? | (1) |
| 4.2.4 | Xela igama lale ntombi ibatyazwa ubuhle. Liphi ikhaya layo? | (2) |
| 4.2.5 | Chaza intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili. | (2) |
| 4.2.6 | Yithi gqaba-gqaba ngentsusa yale ngxoxo. | (5) |
| 4.2.7 | Zaba yintoni iziphumo zale ngxoxo? | (5) |
| 4.2.8 | Sithetha ukuthini isithethi xa sisithi "Amadoda ngabantu abathi swii." | (2) |
| 4.2.9 | Ucinga ukuba lo mntu utshiswa lulwimi wayenaziphi iinjongo? | (2) |
| 4.2.10 | Mingaphi iminyaka yale ntombi izingange ngendoda enomzi? | (1) |
| 4.2.11 | Ngubani lo Ndodiphela kuthethwa ngaye apha? | (1) |
| 4.2.12 | Kuphi efazilendi? | (1) |
| 4.2.13 | Sithetha ukuthini isithethi xa sisithi amadoda onke zizinja? | (2) |
| 4.2.14 | Kuxa kutheni ukuze kuthiwe umntu ungenwe libhungane entloko? | (2) |
| 4.2.15 | Ngokwesi sicatshulwa, ngobani oonopexe? | (2) |

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**